XHOSA

INKCAZELO YOLUNTU

# #RSABUDGET2023

Inkcazelo yolunto ngoku khutshwa lisebe lezemali
iNational Treasury kunye neNkonzo yeze Rhafu yase Mzantsi Afrika, iSARS

#RSA Budget | #RSABudget2023

IPAPASHWE

national treasury
Department:
National Treasury
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: (012) 315 5100
Media@treasury.gov.za
www.treasury.gov.za


**INKCUKACHA**

**YINTONI UHLAHLO LWABIWO-MALI?**

Kuyo yonke iminyaka , kwinyanga yoMdumba uMphathiswa wesebe leze Mali ubeka uhlahlo lwabiwo-mali lwesizwe, apho athi achaze inkcitho-mali karhulumente, ingeniso ye rhafu kunye nezicwangciso zokuboleka imali kwi minyaka emithathu ezayo. Uhlahlo lwabiwo-mali lwesizwe lucwangcisa ukwahlulwa kwe mali phakathi kwamasebe karhulumente, amaphondo esizwe kwakunye noomasipala.

**LUHLELWA NJANI ULWABIWO-MALI?**

1. Kuqalwa ngokukhutshwa imigaqo enika iinkcukacha ezifunekayo kuhlahlolwabiwo-mali
2. Amasebe ka rhulumente ahlengahlengisa iinkqubo zawo aze aqulunge izicwangciso zenkcitho kunye nezibophelelo zonikelo lwenkonzo.
3. Iziphakamiso zohlalo lwabiwo-mali zingeniswa kwiSebe lezemali ze kubekho iingxoxo yezisombululo
4. Izicelo zolwabiwo-mali ziqwalaselwa ziikomiti zangaphakathi zamasebe zaBalawuli-Jikelele
5. Izindululo zohlahlo lwabiwo-mali zenziwe kwiKomiti yabaPhathiswa
6. iMedium Term Budget Policy Statement, yinkcazo yomgaqo-nkqubo karhulumente eyenziwa phakathi enyakeni ebonisa u hlahlolwabiwo-mali wonyaka ozayo .
7. Izindululo zo hlahlo lwabiwo mali zokugqibela zigqitywa kwiKhabhinethi
8. Inkcukacha zenkcazelo zo hlahlo lwabiwo mali ziye zibhalwe kumaphepha azo
9. Uhlahlo lwabiwo-mali luye luphakanyiswe ngumPhathiswa wesebe lezeMali ePalamente
10. iPalamente yenza ingxoxo ngo uhlahlo lwabiwo-mali iluhlalutye, kwaye ilaamkele
11. Ekugqibeleni uhlahlo lwabiwo- mali lithunyelwa kuMongameli ukuba alutyikitye ukuze lubengumthetho.



MR. ENOCH GODONGWANA – MINISTER OF FINANCE

# UKUHLANGABEZANA NOKUKHULA KOQOQOSHO NGENDLELA ENGAZINZANGA

**Amazwe kwihlabathi jikelele ajongene nomngeni wokunyuka kakhulu kwamaxabiso kwakunye noqoqosho oluphantsi.Kuqikelelwa ukuba izinga lokukhula koqoqosho loMzantsi Afrika lizakwehla ngenxa yengxaki yombane, ukukhula kwamaxabiso kwakunye nobuthathaka kuqoqosho lwehlabathi.**

Kwiminyaka emibini edlulileyo, uqoqosho, lukhule ngendlela encomekayo, ngenxa yokuphucuka kwamaxabiso ezimbiwa kwakunye nokuqokeleleka kakuhle kwerhafu, kodwa oku kuya ekupheleni. Amakhaya amaninzi aphantsi koxinzeleleko ngenxa yokonyuka kwamaxabiso. Kangangoko, uqokolelwa lwerhafu luzakushokoxeka, lonto ifuna urhulumente aqaphele indlela achitha ngayo imali, lo gama amanayathelo okuphuhlisa uqoqosho afumana umfutho.

Urhulumente uzakuhlangabezana nazo ezingxaki ngokuthi aseke imithetho ezinzileyo aze athabathe namanyathelo wokulwa umngeni kuqoqosho lweli. Uhlahlo lwabiwo-mali luka 2023, lunciphisa intsilelo iyokufika kumanqanaba asezantsi ukuze kukhuseleke imali yoluntu ukususela ku 2017/18. La manyathelo, ajolise ekukukhuseleni ingozi kwinkqubo yezemali, ze zikhusele imali eyongiweyo ze zinyuse ithemba kubatyali mali.

Ngo 2021 uqoqosho lukhule nge 4.9 yepesenti. Bekulindeleke ukuba uqoqosho luka 2022 lunyuke ukuya ku 2.5 yepesenti ukusuka ku 1.9 yepesenti xabekubengezwa uhlahlo lwabiwo-mali lwaphakathi enyakeni. Uqikelelo lokukhula koqoqosho ngo 2023 lwehliswe nge 0.9 yepesenti xakuthelekiswa ngoqikelelo lolwabiwo-mali lwaphakathi ku 2022 ebeluyi 1.4 yepesenti. Kulindeleke ukuba uqoqosho lukhule nge 1.8 yepesenti ngo 2025. Lamazinga wokukhula koqoqosho aphantsi kakhulu ukuba angadala amathuba emisebenzi nokuphelisa ubuhlwempu.

Ngenxa yoko, urhulumente uzimisele ukukhulisa uqoqosho ngokugxila kwiintsika ezintathu. Okokuqala, kukuqinisekisa ukuba kukho imigaqo ecacileyo yokuzinzisa ezoqoqosho, okwesibini kukuzisa iinguqu kumasebe oqoqosho aquka umbane ne zothutho, ze okwesithathu kuxhaswe iinzame zokwakha phakath karhulumente ukuze kubekho uphuhliso ebantwini.

Kunyaka odlulileyo, imithetho ebibekiwe iye yanyenyiswa ukuze oomasipala namashishini akwazi ukuvelisa umbane wabucala.Urhulumente uzakubonelela u-Eskom nge 254 billion ukuze anciphise amatyala kwixesha eliphakathi ukuze anciphise uxinzelelo kwii nkonzo zombane, kuxhaswe nencitho mali yokuhlaziya nokugcinwa kwenkonzo zombane, kwakunye nenguqu entsha yokuvelisa umbane.

Kuleminyaka mithathu izayo, urhulumente uzakusebenzisa imali engange R7.08 yesigidi sezigidi zesigidi kwinzame zokukhulisa uqoqosho, ukuze kukhuselwe abantu abahluphekayo kulwamvila loqoqosho olubuthathaka. Ngaphandle kwenkxaso-mali ye COVID-19 esezakuqhubeka nakunyaka olandelayo, ulwabiwo-mali olwengezelelweyo lubeka phambili inkxaso yezemfundo, ezokhuselo kwakunye nencitho-mali enxumeleneyo neziseko zokuphuhlisa uqoqosho.

Oluhlahlo lwabiwo-mali lujongene nomngeni woqoqosho olungazinzanga ehlabathini jikelele, kungoko ulwabiwo lujolise kwimigaqo-nkqubo ecacileyo yokunyusa uqoqosho, nokwehlisa indleko zokuphila ebantwini kunye nokucima kombane.



# UKUKHULISA UQOQOSHO OLUNAMNDLA

**Kuleminyaka ilishumi edlulileyo, uqoqosho lukhule ngokucotha ngenxa yoshokoxeko kwezoqoqosho olubangwa yindlela uqoqosho olumengayo aph` eMzantsi Afrika. Ezi meko ziquka ingxaki yokucima kombane eye yaqinisa kulonyaka uphelileyo, oko kuthe kwenza ukwehla kombane ofunekayo ekuncediseni uqoqosho lwelizwe.**

Ukuze uqoqosho lukhule, urhulumente uzimisele ukuzisa iinguqu ngakumbi kwisebe lombane. Ezi nguqu zijoliswe ekuziseni uzinzo embaneni, ezithi zomelezwa lungenelelo olutsha olusingathwa liqumrhu I National Energy Crisis Committee. Eliqumrhu lizimisele ukwehlisa izinga lokucinywa kombane, ngokusombulula imiceli mngeni kumaziko ombane, nokwehlisa umthwalo wokuvelisa umbane ku Rhulumente, ze kuqwalaselwe ulawulo lombane kwakunye nokukhawulezisa imvume zokuvelisa umbane ngamashishini abucala. Kulonyaka udlulileyo, u Eskom wenze isivumelwano namashishini abucala ukuze kuveliswe umbane ongange 2000 megawatts ozokuncedisana noRhulumente. Lizokuqhubeka ke eliqumrhu ukuze ukucima kumbane kurxhoxe, kubekho umbane owongiweyo osebenza kakuhle kwaye onexabiso eliphantsi. Ezinguqo kwezombane zizakubangela ukuba abemaninzi amaziko abucala avelisa umbane, ancedisane noRhulument ukuze u Eskom akwazi ukusebenze ngendlela efanelekileyo.

## AMAGQA-BANTSHINSTHI OHLAHLOLWABIWO MALI LUKA 2023

1. Iirhafu zingowona mthombo wengeniso karhulumente, ilandelwa kukuboleka.
2. Umvuzo wentlalo, obandakanya uphuhliso loluntu, iinkqubo zengqesho, ezempilo, imfundo nophuhliso lwentlalo, zezona nkcitho zikarhulumente.
3. Iigranti zezentlalo ziya kunyuka ngokuhambelana nokunyuka kwamaxabiso e-CPI. Isibonelelo se-R350 siya kuqhubeka kude kube ngumhla we-31 kweyoKwindla 2024.
4. Ngaphandle kokukhula okuphantsi kwengqikelelo ye-0.9 pesenti, urhulumente uzibophelele kuphuhliso loqoqosho nentlalo.
5. Urhulumente uza kuthabatha ngaphezulu kwe R254 billion zetyala lika-Eskom njengenxalenye yohlaziyo olubanzi lwecandelo lezombane.
6. Iintlawulo zenzala ziyaqhubeka zisanda, zicinezela inkcitho kwiinkonzo zoluntu ezibalulekileyo ezifana nezempilo nemfundo esisiseko.

THYILA KWIPHEPHA ELILANDELAYO



# UKUSEBENZISA IMALI KWIZISEKO ZOKUPHUHLISA UQOQOSHO NOTYALO MALI

**Isicwangciso sokubuyisa ukhuliso kwekuqoqosho lweli elalibhengezwe kwi nyanga yeDwarha ku 2020, lidibanisa utyalo mali kwiziseko zophucula uqoqosho neenguqu zokuxhasa ukukhula koqoqosho.**

URhulumente wenza iinguqu ezizakuqinisa impatho engcono yokuphuhlisa iziseko zoqoqosho zikaRhulumente. Ezinye zezinguqu ziquka ukudibanisa imali kaRhulumente namashishini abucala ukuze kuxhaswe iiprojekti zeziseko zokuphuhlisa uqoqosho.

Ukuze uqoqosho lukhule kunciphiswe nentlupheko, utyalo mali obeluyi 13.1 yepesenti yemveliso yelizwe lwano 2021, kuzakufuneka lonyuswe kakhulu. Kwiminyaka elishumi edlulileyo, uxinzelelo kwinkcitho-mali kunye nokuxhasa iinkampani zikaRhulumente, zibangele uRhulumente angakwazi ukutyala imali kwiziseko zokukhulisa uqoqosho. Utyalo-mali oluvela kumashishini abucala lwehlile nalo ngenxa yezizathu ezininzi. Ngenxa yoku, lonke utyalo-mali lwehlile.

Kulindeleke ukuba uRhulumente achithe imali engange R903 yesigidi sezigidi kwiziseko zoqoqosho kule minyaka mithathu ilandelkayo. Eyona mali ininzi izakuchithwa ziinkampani zikaRhulumente. Kuqikelelwa ukuba uRhulumente uzakuchitha i R302.1 yezigidi kwezinkampani kwiminyaka emithathu ezayo. Kulindeleke ukuba amaphondo noomasipala achithe imali engange R209.8 yezigidi ne R190.3 yezsigidi sezigidi kwiziseko zoqoqosho kuleminyaka mithathu izayo.

Ixabiso lezindlu ezakhiwe ngenkxaso ka Rhulumente yezindlu yesebe lezezindlu kumaphodo, lilindeleke ukuba libeyi R45.9 yezigidi kwiminyaka emithathu ezayo. Nangona ezizindlu zinikezelwa kubanikazi, uRhulumente uchitha imali eninzi kulenkxaso. Uchitho mali ziinkampani zikaRhulumente kwiziseko zoqoqosho kuqikelelwa kwi 78.3 yepesenti kuleminyaka ibaliweyo. Lemali izakusetyenziswa ekuphuculeni umbane, iinkonzo zothutho nokuphucula iinkonzo zelindle. Iziseko zentlalontle zizakuchitha i 17.6 yepesenti, kwaye ezempilo nezemfundo zizochitha i 5 yepesenti ne 7 yepesenti nganye.

# UKUDALA AMATHUBA EMISEBENZI

**Iinzame zikaMongameli zokudala amathuba emisebenzi, zivelise ngaphezu kwesigidi semisebenzi yethutyana kuleminyaka mibini idlulileyo.**

Ukusukela ngomhla ka 1 kweyoMdumba ulutsha oluyi 255 000 luzakusebenza ngokuncedisa kwizikolo ezingaphaya kwe 22 000. Ingxowa yezengqesho i Social Employment Fund, iqeshe abantu abayi 47 408 ibambisene namaqembu ayi 26, kwaye imisebenzi ezokwengezwa iyi 50 000. Ezinkonzo zengqesho zenze ukuba abantu abayi 45 000 bafakwe kumaqumrhu olutsha.



## 1 IZAKUVELAPHI IMALI KARHULUMENTE NGO 2023/24:

| | | |
|---|---|---|
| R1 787.5bn | 84.2% | IRHAFU |
| R283.7bn | 13.4% | IMALI MBOLEKO |
| R51.6bn | 2.4% | IMALI YENGENISO ENGEYIYO IRHAFU |

## 2 IZAKUSETYENZISWA NJANI IMALI NGO 2023/24:

| | | |
|---|---|---|
| R378.5bn | 16.9% | EZENTLALONTLE |
| R340.5 bn | 15.2% | INZALA-MALI |
| R309.5bn | 13.8% | IMFUNDO YAMABANGA APHANTSI |
| R259.7bn | 11.6% | UPHUHLISO LOLUNTU |
| R259.2bn | 11.6% | EZEMPILO |
| R237.6bn | 10.6% | UPHUHLISO LOQOQOSHO |
| R227.3bn | 10.1% | EZOXOLO NOKHUSELO |
| R135.6bn | 6.0% | EZEMFUNDO EPHAKAMILEYO NEZOQEQESHA ABAFUNDI |

## 3 IZIBONELELO NGEZENTLALONTLE:

| | 2022/23 | 2023/24 |
|---|---|---|
| INKXASO YABANTU ABADALA | R1 985 | R2 085 |
| INKXASO YABADALA ABANGAPHEZU KWEMINYAKA EYI 75 | R2 005 | R2 105 |
| INKXASO YAMAGQALA EMFAZWE | R2 005 | R2 105 |
| INKXASO YABANTU ABAKHUBAZEKILEYO | R1 985 | R2 085 |
| ISIBONELO SOKUNAKEKELA ABANTWANA ABANGENABAZALI | R1 070 | R1 125 |
| ISIBONELELO SABANTWANA ABAKHUBAZEKILEYO | R1 985 | R2 085 |
| ISIBONELELO SABANTWANA | R480 | R505 |
| ISIBONELELO SONCEDO | R480 | R505 |

**19.6 million**

Abantu abazizigidi ezili-19.9 bazakufumana izibonelelo zezentlalo **kweyoMdumba ka-2026**

**R36 billion**

yezigidigidi yabelwe inkxaso-mali yokunceda abantu kwiingxaki ze-COVID-19 ukubonelela abaxhamli **nge-R350 ngenyanga**

*Uhlahlo-lwabiwo mali luya kwandisa amaxabiso ezibonelelo ezisisigxina ngokuhambelana nokunyuka kwamaxabiso.*

## 4 UHLAHLO LWABIWO-MALI LIXHASA UKUKHULA KOQOQOSHO NOPHUHLISO LOLUNTU

**0.9 per cent**

**yemveliso yelizwe liphela**, izakonyuka ngo 2023 ngaphambi kokuba **ikhule iye** ku 1.8 pesenti ngo 2025

**R3.60 trillion**

yabelwe **uphuhliso loluntu, iinkqubo zengqesho, ezempilo, imfundo nokhuseleko lwentlalo** kule minyaka mi-3 izayo

**R809.4 billion**

yabelwe ukuxhasa ubonelelo kunye **nokufikelela ngokulinganayo kwiinkonzo zempilo** kule minyaka mi-3 izayo

**R825.8 billion**

yabelwe **iinkonzo ezisisiseko, izindlu nezithuthi zikawonke-wonke, kunye notshintsho lwesithuba nophuhliso lwedolophu** kule minyaka mi-3 izayo

**R2.8 billion**


yabelwa njengenxalenye **yeNgxowa-mali yoShishino lwaselokishini nasemaphandleni ukuxhasa amashishini** asezilokishini nasemaphandleni ali-120 000

## 5 INKQUBO YOKUPHELISA ITYALA LIKAESKOM

**R254 billion**

iza kudluliselwa ku-Eskom isiwe kwiphepha lomncono likarhulumente ukunciphisa uxinzelelo lwezemali kwiziko

## 6 IMALI-MBOLEKO EZALAYO NENGAZALIYO AYOTHI URHULUMENTE AYIBHATALE:




* Imali engazaliyo yinxalenye yemali athi urhulumente ayibhatale ngaphandle kwendleko ezibhatalwa kwimali mboleko.

# IZICWANGCISO ZERHAFU 2023

SARS
At Your Service

## IRHAFU YABASEBENZI

### ZIKUCHAPHAZELA NJANI IINGUQU ZERHAFU KUMVUZO WAKHO?

Uhlahlo lwabiwo-mali luka-2023 lubonelela ngesiqabu kwirhafu ngokubhengeza uhlengahlengiso lwezibiyeli zerhafu yengeniso yomntu kunye nezaphulelo ezihambelana nezinga lokunyuka kwamaxabiso elilindelekileyo le-4.5 pesenti. Isixa umntu anokusifumana phambi kokuba kufuneke ahlawule irhafu kunyaka werhafu ukusuka nge-1 kweyoKwindla 2022 ukuya kwi-28 kweyoMdumba 2023 ihlengahlengiswe ngolu hlobo lulandelayo:

| IMIDA YERHAFU | UNYAKA WERHAFU 2022/23 | UNYAKA WERHAFU 2023/24 |
|---|---|---|
| Abangaphantsi kweminyaka eyi 65 | R91 250 | R95 750 |
| Abaminyaka eyi 65 ukuya ku 74 | R141 250 | R148 217 |
| Abaminyaka eyi 75 nangaphezulu | R157 900 | R165 689 |

Le milinganiselo imiselweyo ibangelwa ziintlawulo ezintsha zerhafu:

| IZAPHULELO ZERHAFU | UNYAKA WERHAFU 2022/23 | UNYAKA WERHAFU 2022/23 |
|---|---|---|
| Eyokuqala (kumtu ngamnye) | R16 425 | R17 235 |
| Eyesibini (kubantu abana 65 ukunyuka) | R9 000 | R9 444 |
| Eyokugqibela (kubantu abana 75 ukunyuka) | R2 997 | R3 145 |

## IRHAFU YOTYWALA NECUBA

### UKONYUKA KWERHAFU YOTYWALA NECUBA

Iirhafu ezithile kwiziselo ezinxilisayo kunye neemveliso zecuba ziya kunyuka phakathi kwe-4.5 kunye ne-6.5 yeepesenti.

| | INCREASES BY: |
|---|---|
| Ibiya | 10c inkonxa engu 340ml |
| Umdiliya ongamfaxangwanga | 18c ibotile engu 750ml |
| Umdiliya omfaxangiweyo | 31c ibotile engu 750ml |
| Iwayini ehlwahlwazayo | 9c ibotile engu 750ml |
| Utywala obenziwe ngeziqhamo | 10c inkonxa engu 340ml |
| Ezikrakrayo | R 3.90 ibotile engu 750ml |
| Imidiza | 98c ipakethi ena 20 |
| Amacuba ombane | 73c ipakethi ena 20 |
| Icuba elingumgubo | R 1.10 ipakethi engu 50g |
| Icuba lenqawa | 33c ipakethi engu 25g |
| IiCigar | R5.47 ipakethi engu 25g |

## AMAZINGA ERHAFU

### INGENISO YERHAFU YEMALI YOMKE YOMHLALAPHANTSI

Amazinga erhafu ukusukela kumhla ka 1 kweyoKwindla ami ngoluhlobo:

| Imali ngeniso erhafelwayo (R | Amazinga erhafu (R) |
|---|---|
| R0 - R550 000 | 0% yengeniso erhafiswayo |
| R550 001 - R770 000 | 18% yengeniso erhafiswayo engaphezu kwe R550 000 |
| R770 001 - R1 155 000 | R39 600 + 27% yengeniso erhafiswayo engaphezu kwe R770 000 |
| R1 155 001 nangaphezulu | R143 550 + 36% yengeniso erhafiswayo engaphezu kwe R1 155 000 |

*Source: National Treasury*

### IRHAFU XA UTHE WATHATHA UMHLALAPHANTSI

Kunyaka mali ophakathi komhla ka 1 kuTshazimpuzi 2022 nomhla we 31 kweyoKwindla 2023

| Imali ngeniso erhafelwayo (R | Amazinga erhafu (R) |
|---|---|
| R0 - R27 500 | 0% of yengeniso erhafiswayo |
| R27 501 - R726 000 | 18% yengeniso erhafiswayo engaphezu kwe R27 500 |
| R726 001 - R1 089 000 | R125 730 + 27% yengeniso erhafiswayo engaphezu kwe R726 000 |
| R1 089 001 nangaphezulu | R223 740 + 36% yengeniso erhafiswayo engaphezu kwe R1 089 000 |

*Source: National Treasury*

### IRHAFU YOKUDLULISELA IZINDLU

Izinga lerhafu linyenyiswe ukuqala kumhla ka 1 kweyoKwindla 2023. Isigidi sokuqala xa uthenga indlu asirhafelwa. Amazinga amatsha erhafu ami ngoluhlobo.

| Imali ngeniso erhafelwayo (R) | Amazinga erhafu (R) |
|---|---|
| R0 - R1 100 000 | 0% Ixabiso lepropati |
| R1 100 001 - R1 512 500 | 3% Ixabiso lepropati engaphezu kwe R1 100 000 |
| R1 512 501 - R2 117 500 | R12 375 + 6% Ixabiso lepropati engaphezu kwe R1 512 500 |
| R2 117 501 - R2 722 500 | R48 675 + 8% Ixabiso lepropati engaphezu kwe R2 117 500 |
| R2 722 501 - R12 100 000 | R97 075 + 11% Ixabiso lepropati engaphezu kwe R2 722 500 |
| R12 100 001 nangaphezulu | R1 128 600 + 13% Ixabiso lepropati engaphezu kwe R12 100 000 |

*Source: National Treasury*

Scan this QR code for the PDF version of this People's Guide to the Budget

**IZIMVO ZAKHO ZIBALULEKILE**

**UBELUNCEDO KUWE LOMKHOMBA NDLELA WOLUNTU?**

Siqhakamshele ngengcebiso zakho ezinothi ziphucule elliphepha ku media@treasury.gov.za